


NguMvundla noFudo (Kwakhona!)

Venkatramana Gowda and Divaspathy Hegde
isiXhosa



Usalukhumbula ugqatso olukhulu olwaluphakathi koMvundla noFudo?


Kwaba lixesha elide izilwanyana zingasathethi ngenye into ngaphandle kolo gqatso lukhulu lwaluphakathi kwaba babini.






Sonke siyayazi ukuba uMvundla woyiswa kuba wayesonqena kwaye ezithembe kakhulu. Siyayazi futhi ukuba uFudo lwaphumelela kuba wayecotha kodwa ezimisele. Izilwanyana zehlathi ziyakwazi noko kodwa zaqhubeka zizihlonipha ngokulinganayo zombini ezi zilwanyana.

Zombini ezi zilwanyana zasiselugqatsweni zahlala zingabahlobo. UFudo aluzange luzibone lungcono kunoMvundla ngenxa yokuba luphumelele, kwaye noMvundla, esazi ngcono ukuba woyisiwe, akazange amzonde uFudo.








Kwadolula iinyanga ezininzi. Inkosi yehlathi apho kwakuhlala khona uMvundla noFudo yabanezinto ezibalulekileyo ekwafuneka ukuba izixoxe nenkosi yehlathi elimelene nelo labo. Kodwa le nkosi yooFudo noMvundla yayingakwazi ukulishiya ihlathi ngaloo mzuzu. Yagqiba kwelokuba ithumele uMvundla noFudo kuloo nkosi ingummelwane ukuba babe ngabathunywa bayo.

Bathi bakusabela ubizo lwenkosi yabo uMvundla noFudo, inkosi yabo yabayalela isithi: “Kuyakufuneka omnye wenu aye kulenkosi isebumelwaneni.”

“Ndifuna niyokuxoxa izinto ezithile ezibalulekileyo nale nkosi ingummelwane wethu. Nize nibuye nindixelele ukuba ingaba icinga ntoni le nkosi ngezi zinto ndiniyayelela zona.”


“Hambani ke ngoku!” yatsho inkosi yabe sele ibaxelela ukuba bachithakale.” Kwaye nize nikhumbule ukuba ndininika usuku lube lunye kuphela ukwenza lo msebenzi.”








Indlela eya kubukumnkani basebumelwaneni yayingelula kwaphela. Yayigcwele amatye nameva. Kwakukho nemilambo emibini ekwakufuneka beyiwelile ukuya kufika ebumelwaneni.



Emva kokucingisisa, uMvundla noFudo bayiqonda bobabini into yokuba abanakho ukuwenza lomsebenzi umntu eyedwa. Kwakunyanzelekile ukuba bahambe kunye. Icebo labo yayikukuba uMvundla abeleke uFudo kwiindawo ezinameva apha endleleni luze uFudo lubeleke uMvundla ukuwela le milambo mibini.





Kusuku olulandelayo baqokelela imiyalezo kwinkosi yabo belungiselela ukungena endleleni. UMvundla wenza amatshe kwezo ndlela zinameva lwabe uFudo lutshele emqolo lusoyika nokuwa ngenxa yamendu woMvundla.

Bathi xa befika emlanjeni
batshintsha izikhundla, uMvundla
wabelekela emqolo kuFudo. UFudo
lwaluqubha ngokukhawuleza
emlanjeni. Ngokukhawuleza
bayiwela yomibini le milambo.
Akuzange kubathathe ixesha elide
ukuya kufika kubukumnkani
bobumelwane.








Emva kokuba bexoxe nzulu nenkosi yasebumelwaneni ngemiyalezo ababeyithunyiwe, uMvundla noFudo babekulungele ukuphindela ngemva babuyele enkosini yabo.

Uhambo olubuyayo lwaba lula
kakhulu kunolo babeluthathe ukuya
ebumelwaneni.

Kaloku ngoku bobabini babekwazi
ekufanele bakwenze.

Babesebenzisana kakuhle kakhulu
bade bafika enkosini yabo
lingekapheli nexesha
ababelisikelwe!



NguMvundla noFudo (Kwakhona!)

Writer: Venkatramana Gowda and Divaspathy Hegde

Illustration: Padmanabha

Translated By: Nomalizo mguye

Language: isiXhosa

© Pratham Books, 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.



**PRATHAM
BOOKS**

A Book in Every Child's Hand

Pratham Books is a not-for profit organization that publishes books in multiple Indian languages to promote reading among children. See: www.prathambooks.org.

Saide 
South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org
A Saide Initiative